Isalathiso: 20210623-3921
Inombolo yefayili: 3/3/2/4/4
Imibuzo: IZiko leeFoni

ISetyhula: 0046/2021
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kwiKomiti yaBaphathi beeSekethe,kwiiNtloko zamaziko emfundo nakwimibutho yeemanyano zabasebenzi

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula icacisa ukubaluleka kokuba babe bonke abaqeshwa babhalisile kwiSkim i-Government Employees Housing Scheme (GEHS), inkqubo yokwenza oko neziphumo zaxa umqeshwa engabhalisanga.*

**Isihloko: Ubhaliso kwiSkim i-*Government Employees Housing Scheme* (*GEHS*): Ukubaluleka, inkqubo neziphumo zokungabhalisi**

1. **Intshayelelo**

ISigqibo 7 se-*Public Service Coordinating Bargaining Council (PSCBC*) sango-2015, somhla we-27 Meyi 2015, saqalisa i-*GEHS* esiskim ukukhuthaza ukuba abasebenzi benkonzo karhulumente babe ngabanini-makhaya. ISebe leMfundo leNtshona Koloni linqwenela ukunazisa ukuba BONKE abaqeshwa abafumana isibonelelo okanye abaceba ukufikelela kwiinkonzo ezibonelelwa siSkim i-*GEHS,* mababhalise kwiSkim i-*GEHS*.

2. **Iinjongo zeSkim i-*GEHS* zezi zilandelayo:**

2.1 Ukuqalisa iSkim i-*GEHS* ngokwegatya 4.2 leSigqibo 4 se-*PSCBC* sango-2010, igatya 3.3 leSigqibo 2 se-*PSCBC* sango-2011 negatya 19 leSigqibo 1 se-*PSCBC* sango-2012;
2.2 Ukunika inkxaso, ukufundisa nokucebisa abaqeshwa ngeendidi namathuba abanokukhetha kuwo okuba nezindlu;
2.3 Ukwandisa amathuba okufikelela kwabaqeshwa kwizindlu ezifikelelekayo;

2.4 Ukukhuthaza ukuba ngabanini-makhaya kwabaqeshwa nokuququzelela ukhuseleko lwee-asethi kubaqeshwa;
2.5 Ukuncedisa abaqeshwa ngokufikelela kwiimali-mboleko zezezindlu neemali ezifikelelekayo;
2.6 Ukuncedisa abaqeshwa barente izindlu ngenjongo yokuzithenga nokuba ngabanini-makhaya; kunye
2.7 Nokubonelela ngamalungiselelo otshintsho malunga neSkim i-*GEHS*.

3. **Ubhaliso olunyanzelekileyo**

Ngokwegatya 4.1.4 leSigqibo 7 se-*PSCBC* sango-2015, KUNYANZELEKILE ukuba babhalise aba baqeshwa balandelayo:

3.1 Abaqeshwa abaqeshwa phambi kowe-27 Meyi 2015 nabekufaneleka ukuba bafumana isibonelelo sezezindlu kodwa bengenazo izindlu (abaqeshi abarenta izindlu abanemvumelwano yokurenta esemthethweni) nabaqhubekayo ukufumana i-R900 ngenyanga. Isixa esingumahluko esiyi-R556.94 phakathi kwesibonelelo sezezindlu sisonke se-R1456.94 sihlawulwa yaye sigcinwe kwi-*Individual-Linked Savings Facility* (*ILSF*); kunye

3.2 Nabaqeshwa abaqeshwe ngowe okanye emva kowe-27 Meyi 2015 nabakufaneleyo ukufumana isibonelelo sezezindlu kodwa bengenazo izindlu (abaqeshi abarenta izindlu abanemvumelwano yokurenta esemthethweni) nalapho isibonelelo sezezindlu esipheleleyo sihlawulwa kwiSkim i-*GEHS*: *ILSF*.

4. **Ihlala iluxanduva lomqeshwa ukubhalisa kwiSkim i-*GEHS***. Le setyhula mayifundwe kunye neSetyhula 0018/2019, yomhla we-08 Apreli 2019. **Abaqeshwa bangabhalisa besebenzisa enye yezi ndlela zilandelayo:**

4.1 Ngekhompyutha apha www.gehs.gov.za; okanye
4.2 Ngokufonela iZiko leeFoni lokuBhalisa (*Enrolment Call Centre*) apha **0861 12 34 34.**

5. Makufundwe incwadana eqhotyoshelweyo i-***GEHS General Information Booklet***.

6. Wakuba ubhalisile kulindeleke ukuba uthumele nge-imeyili ubungqina bokubhalisa kuSekela Mlawuli weCandelo laMalungelo aVela kwiiNkonzo ochaphazelekayo. Yonke imibuzo okanye iifom ezichaphazelekayo malunga neSkim i-*GEHS* mazithunyelwe kwigosa elichaphazelekayo kule listi ingezantsi.

| IGama | ISithili | IDilesi ye-Imeyili |
|---|---|---|
| Nks Natalie Marshall | *Cape Winelands* | Natalie.Marshall@westerncape.gov.za |
| Nks Cheryl-Ann Daniels | *South* | Cheryl-Ann.Daniels@westerncape.gov.za |
| Mnu Martin Filander (Acting) | *East* | Martin.filander@westerncape.gov.za |
| Mnu Dumisani Daniso | *Eden & Central Karoo* | Dumisani.Daniso@westerncape.gov.za |
| Mnu Julian Gordon | *Central* | Julian.Gordon@westerncape.gov.za |
| Nks Bernadette Tataw | *North* | Bernadette.Tataw@westerncape.gov.za |
| Nks Celeste Pierce | *West Coast/ Overberg* | Celeste.Pierce@westerncape.gov.za |
| Nks Jenny Williams | *Head Office/district staff* | Jenny.Williams2@westerncape.gov.za |

7. Ukuba umqeshwa ufuna ukufikelela kwi-*ILSF* xa ethatha umhlala-phantsi okanye ukuqinisekisa ukuba abanelungelo lokuxhamla bayahlawulwa xa umqeshwa esweleke esenkonzweni, kubalulekile ukuba abe ubhalisile umqeshwa. Ukuba umqeshwa AKABHALISANGA, xa ethatha umhlala-phantsi okanye esweleka, uyakuphulukana ne-*ILSF*.

8. Kucelwa wazise okuqulethwe yile setyhula kubo bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2021-07-29